basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2011

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(40)

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.

5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

IMFUNDO YAYIFANA NENKULULEKO KUTHI!

1 ILovedale, neyaziwa ngokuba kukwaSomgxada ngabafundi ababefunda khona, omnye wabafundi ababebalasele ngokugqithisileyo balapho yayinguChris Hani. Eselapho kweso sikolo sidume kakhulu ngokuvelisa iinkokheli, abefundisi, iititshala, amagqwetha noogqirha abahlonitshiweyo nabadlale indima enkulu ekuphelisweni kocalu-calulo kumlisela nomthinjana welizwe loMzantsi Afrika, uChris wayenesihlangu esinye kuphela asinxibayo.

2 Ngenye imini uHani waxelela umhlobo wakhe amthanda kakhulu uPhyllis Naidoo ngendlela eyayimkhathaza ngayo into yokuba nesihlangu esinye. "Kodwa ndandiyamkele into yokuba asinto ibalulekileyo le kum. Eyona nto yayibalulekile kukufumana imfundo", utshilo uHani. Ngaloo maxesha, abafundi abanjengoHani lo noNaidoo babeyazi ngqo into yokuba ukungena kwimicimbi yezopolitiko nokucula iingoma ezingoChief Albert Luthuli noPatrice Lumumba (waseCongo) kwakungamkelekanga.

3 ILovedale yayisamkeleka nzima kuHani nabahlobo bakhe, ufike ngamanye amaxesha befuna ukulila kuba iintlanganiso zepolitiki zazingavumelekanga, koko kuthandazwa zosixhenxe iintsuku zeveki, kukwakho nenkonzo yangeCawe endilisekileyo neyayikhokelwa ngabefundisi, abafundisi-ntsapho neenkokheli zabafundi. Ngelo xesha, kwiitafile zokutya ootitshala abamhlophe babehlala kwezabo iitafile, baze abamnyama bahlale kwezabo ezahlukileyo.

4 Ngenye imini ngexesha lesidlo, kubonwe kuphakama umfana esiya kwitafile eyayihleli inqununu. Yothusa ke le nto kuba ngelo xesha kwakukho umthetho othi umntu omnyama akanakusondela kwitafile ehleli abantu abamhlophe. Le ndodana kwakucaca ukuba lolu hlobo luthetha nje phandle, lungafihlisi nto. Ibuze kumphathi sikolo ukuba kungani na ootitshala babo abamnyama besahlukaniswa ngokuhlala etafileni nangona benezikhundla ezifanayo. Esi senzo sibangele umothuko omkhulu kumphathi sikolo kangangokuba akazange abe nalizwi lakuphendula de lo mfundi aye kuhlala phantsi. Esi senzo uHani simenze wahlonitshwa kakhulu ngabo bonke abafundi nootitshala abamnyama nabamhlophe ababeyichasa imeko yocalu-calulo.

5 Utitshala kaHani uMac Makhalima kunanamhla usathetha angayeki ngokukhalipha kukaHani nabahlobo bakhe basesikolweni abafana noPhyllis Naidoo. Xa ebalisa ngezenzo zabo zokulwela umakulinganwe, uthi kwakubakho amaxesha okuba abo baphikisana nabo bazibone bephelelwa ngamandla ngenxa yokuqina kwaba bafana enyanisweni. Ngo1958, uHani, nowayesele engene nzulu kwezopolitiko, wayishiya iLovedale ephethe isiqinisekiso sokuphumelela isiNgesi, isiXhosa, iLatini, iHistory, iMathematika nezifundo zeHygiene. Ngelo xesha izifundo zesi-*Afrikaans* kwakunganyanzelekanga ukuba zenziwe.

6 Kwiimbali zaseFort Hare University kukho ubungqina obubhaliweyo bokuba incwadi yokucela ukwamkelwa kukaHani njengomfundi yayibhalwe ngomhla we-6 kuOkthoba ka-1958. Le ncwadi yayibhalwe nguHani owayeneminyaka eli-16 ngoko eyibhalela iRegistrar ngowona mbhalo mhle nococeke kakhulu. Wamkelwa ngokungathandabuzekiyo kuloo yunivesithi yaseDikeni kwaye akazange adanise kuba izifundo zakhe waziphumelela emagqabini.

7 Ngo1991, iminyaka emibini phambi kokusweleka kwakhe, uHani waxelela enye yeentatheli eyayidlana indlebe naye ukuba elinye lamaphupha akhe ebomini kukufumana idiploma yobutitshala. Isizathu soku ngokunokwakhe kukuba wayenganeliseki lizinga lemfundo efunyanwa ngabantwana abahlala emaphandleni. Wayibeka yacaca into yokuba umnqweno wakhe ophambili kukuthi xa ebufumene ubutitshala bakhe, aye kuncedisa ootitshala basemaphandleni ekuzameni ukuphucula umgangatho wemfundo kwiindawo ezihlelelekileyo. Ezona nto zaziphambili kuluhlu analo yayikukulwela ukwakhiwa kwezikolo ezisemgangathweni, ukubakho kweelebhu zenzululwazi, iilebhu zeekhompyutha, izifundo zococeko, iilayibrari kwanamabala okudlala akwizinga elamkelekileyo ezikolweni.

8 Kwimbali kuyavela ukuba omnye wabantu abatsalela umdla kaHani kwiSouth African Communist Party (SACP) ngulowo wayesakuba ngumongameli weloMzantsi Afrika, uThabo Mbeki. Kwiincwadi eziliqela azibhalileyo uThabo Mbeki uyithetha ngokungafihlisiyo into yokuba uHani ngomnye wabantu ababengamakhalipha, elijoni lenkululeko, kwaye enesakhono sokukhuthaza abafundi nolutsha ekubeni lungene kumkhosi wamalungelo abantu.

9 Baninzi ababhali abaziwayo abanjengoJanet Smith noJonathan Ball ababhale ngeli qhawe lesizwe. Iincwadi ezingeli kroti nekhalipha lefela-ndawonye lesizwe elalisaziwa ngokuthetha amazwi athi, "Ubomi ngumzamo mawethu, xhathisa ngethemba maxesha onke", ziyafumaneka kwiivenkile zeencwadi kulo lonke ihlabathi.

[Icatshulwe kwi*Daily Dispatch,* yaza yaguqulelwa esiXhoseni yahlelwa, 28 Okthobha 2009]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Sesiphi esi sikolo sibizwa ngokuba nguSomgxada? (1)

1.1.2 Yintoni le sasidume ngayo esi sikolo? Chaza ngesivakalisi esiNye. (2)

1.1.3 Yintoni umlisela nomthinjana? Khetha kwezi mpendulo zingezantsi:

A Ngabantu abolupheleyo.
B Ngabantu abatsha.
C Zizilwanyana neentaka zasekhaya. (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.4 Yintoni le yayimkhathaza esikolweni uChris Hani? (1)

1.1.5 Le mpendulo uyibhale kunombolo 1.1.4 ingaba uChris Hani yamkhathaza kangangokuba walahla ithemba emfundweni? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula kwisicatshulwa. (2)

1.1.6 Nika amagama eenkokheli ezimBINI ekwakungamkelekanga ukuba bacule ngazo esikolweni ooHani nooNaidoo. (2)

Jonga kumhlathi 3

1.1.7 Chaza isenzo socalu-calulo esasisenzeka phakathi kootitshala abamhlophe nabamnyama kwiitafile zokutyela zesikolo. (1)

Jonga kumhlathi 5

1.1.8 Ingaba le ntetho yinyaniso okanye bubuxoki:

"UHani wayebonakalisa iimpawu zokoyika, ubugwala nokuthula naxa ayibonayo into engalunganga isenzeka phambi kwakhe". Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.9 Bhala izifundo zeelwimi zibe mBINI eziphunyelelwe nguHani eLovedale. (2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.10 UHani wayeneminyaka eli-16 ngo1958. Wazalwa ngowuphi unyaka? (1)

1.1.11 Yayibalasele ngantoni incwadi eyabhalwa nguHani ebhalela iRegistrar yaseFort Hare? Khetha kwezi zilandelayo:

A Yayithetha kamnandi.
B Yayinombhalo omhle nococekileyo kakhulu.
C Yayithetha ngepolitiki. (1)

Jonga kumhlathi 7

1.1.12 UHani usweleke ngowuphi unyaka? Khetha kule ilandelayo:

A Ngo1991
B Ngo1993
C Ngo1997 (1)

Jonga kumhlathi 8

1.1.13 Ngubani umntu owavuselela umdla kaHani ukuba abe lilungu leSACP? (1)

1.1.14 Khankanya izinto zibe mBINI ezithethwa ngoHani zimncoma ezincwadini. (2)

Jonga kumhlathi 9

1.1.15 Chonga isivakalisi esithetha la mazwi:

"Kufuneka usebenze ukuze uphumelele, bambelela ethembeni ungayeki" (2)

1.2 Funda le GRAFU ilandelayo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Icatshulwe kwi-Intanethi]

1.2.1 Ngonyaka ka-2003 liliphi iphondo elibe nenani eliphantsi lokukhutshwa kwee-ARV? (1)

1.2.2 Nika amaphondo amaBINI anamanani eepesenti aphezulu okukhutshwa kwee-ARV ngonyaka ka-2003. (2)

1.2.3 Nguwuphi unyaka amaphondo iWestern Cape neKwaZulu-Natal awathi anamanani eepesenti alinganayo okunikezelwa kwee-ARV? (1)

1.2.4 Lithini inani leepesenti lokukhutshwa kwee-ARV ngonyaka ka-2002 kwiphondo iEastern Cape? (1)

1.2.5 Iphondo iNorthern Cape linenani leepesenti eliphezulu lokukhutshwa kwee-ARV xa lithelekiswa nephondo iFree State. Bubuxoki okanye yinyaniso? Xhasa impendulo yakho ngokuqwalasela igrafu. (2)

1.2.6 Liliphi iphondo elinenani leepesenti ezisi-8 lokukhutshwa kwee-ARV ngo-2002? (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze usishwankathele ngokweengongoma okanye ngokomhlathi. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo. (7)
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabususele kumagama angama-50 ukuya kwangama-60.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

UKWENZA I-CV

Zitshintsha rhoqo iindlela zokwenza iCV eyiyo. Lungisa eyakho ngokuqaphela oku kulandelayo xa uceba ukwenza iCV:

Okokuqala kubalulekile ukuba uhlale unayo i-CV yakho ekhompyutheni, ukulungiselela ukuba umane uyiguquguqula ilungele umsebenzi lowo uwufunayo ngelo xesha.
Abanye abantu abafuna umsebenzi bacinga ukuba iCV ehonjisiweyo eneefoto nemizobo emihle iyawaphucula amathuba abo okufumana umsebenzi. Ungaze nakanye uyihombise iCV yakho kuba oku akuyi kumtsala umqeshi acinge ukuba nguwe ofanelwe ngumsebenzi.

I-CV eyiyo negqibeleleyo ikhatshwa yileta okanye incwadana echaza banzi ngezona njongo zakho ziphambili malunga nalo msebenzi wenza isicelo sawo. Kaloku kwi-CV awukwazi ukufaka nokuchaza yonke into ofuna yaziwe ngawe kubaqeshi, ngoko ke ukukhapha iCV yakho ngeleta sesona sixhobo sibalulekileyo nesinokutsala umdla wabaqeshi. Le leta kufuneka ichaze ngamava okanye ulwazi lwakho lomsebenzi lowo uwufunayo.

Akunakuze ukholelwe ukuba kukho abantu abasebenzisa ulwimi lwe-SMS kuba becinga ukuba baya kubonwa bekrele-krele! Le mpazamo ungaze uyenze nkqu nakwileta ekhapha iCV yakho! Enye into ekungafunekiyo uyenze kukusebenzisa izifinyezo namagama angaqhelekanga. I-CV yakho mayicace, ibhalwe ngolwimi olusulungekileyo, hayi olunzulu kwaye kufuneka ibe kwiphepha eliqhelekileyo elimhlophe.

Zininzi iifonti onokuzisebenzisa xa ubhala iCV yakho. Ifonti nganye inembonakalo yayo. Umzekelo wefonti esetyenziswa kakhulu kubhalo lweCV yile kuthiwa yi-"Arial". Musa ukusebenzisa iifonti ezingaqhelekanga. Sebenzisa le-Arial okanye iTimes New Roman kuphela.

Ubuhle nembonakalo yakho akukho nto zinokuyenza ekubeni ufumane umsebenzi.

Kwimisebenzi efana nokumodela, ukulinganisa emidlalweni okanye ukunceda abakhweli kwinqwelomoya, isenokucelwa ifoto yakho. Yithumele kuphela ifoto xa kuthiwe yithumele.

[Icatshulwe kwi*Bona* magazini yaza yahlelwa, Meyi 2009]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

Funda lo mhlathi ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ndikhumbula imihla yobunzima ezimayini, umntu omnyama edibene, kuhlanjwana imiqolo, kuhlekwa, kumnandi. UThixo usidale saluluntu olukwaziyo ukusombulula iingxaki zalo ngentsebenziswano. Ubulolo abamkeleki kwintlalo yethu kuba eyona nto yonwabisayo kuluntu kukuqina komanyano nothando kwisizwe.

Namhlanje eyona nto ihlasimlisa umzimba nengundaba-mlonyeni kukuhamba iindlela ezahlukeneyo kwamaAfrika. Yaphela into yokuzingomba izifuba ngobuAfrika. Nangona kunjalo, asekho amaqhawe akholelwa kwelokuba "umzingisi akanashwa", atsho esithi, awanakudinwa ekumanyeni umzi oNtsundu, **ayincothule** neengcambu zayo indlala eyambethe iAfrika, aze abuyise isidima sezwekazi lethu.

[Icatshulwe ku-*I Write What I Like,* SB Biko, 1987 yaze yaguqulelwa esiXhoseni yahlelwa]

3.1 Bhala igama elibolekwe kwezinye iilwimi uchaze ukuba libolekwe koluphi ulwimi. (2)

3.2 Sebenzisa ezi zibizo zikwibhloko ukuchaza okuthethwa sisivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo:

abantu; uluntu; umntu; isintu; ubuntu

3.2.1 Isibizo esikwihlelo 1. (1)

3.2.2 Inkcubeko yabantu. (1)

3.2.3 Isenzo esilungileyo nesihle. (1)

3.3 Bhala esi sivakalisi kwimo elandulayo:

UThixo usidale saluluntu olukwaziyo ukusombulula iingxaki zalo ngentsebenziswano. (1)

3.4 Nika izibizo eziBINI ezakhe isibizo esimbaxa, "undaba-mlonyeni". (2)

3.5 Nika intsingiselo yeli binzana, "Umzingisi akanashwa". (2)

3.6 Nika isithethantonye segama elibhalwe ngqindilili, uze usisebenzise kwisivakalisi. (3)
[13]

UMBUZO 4

4.1 Bhala esi sivakalisi ngokwala maxesha akwizibiyeli:

4.1.1 Ndiyamthanda uLerato. (Ixesha elizayo). (1)

4.1.2 Ndisebenza nzima iveki yonke. (Ixesha eladlulayo). (1)

4.2 Yitsho ukuba u-ba okrwelelwe umgca ngaphantsi usetyenziswe njani.

Abantwana <u>ba</u>hamba becula. (1)

4.3 Sebenzisa isenzi, "pheka" kwisivakalisi sibe nokuthatha iinjongosenzi ezimBINI (2)

4.4 Lungisa esi sivakalisi ukuze sifundeke ngendlela echanekileyo:

umsebenzi wakho Cwangcisa ezifundweni ukuze uphumelele. kwangethuba (5)

4.5 Guqula le ntetho ibe kwintetho ngqo.

Umfana uthe bafuna ukuqonda ukuba benze ntoni bevalelwa amasango nje? (4)
[14]

UMBUZO 5

Funda le ntetho yesi sibini uze uphendule imibuzo elandelayo.



5.1 KuFreyimu A, khetha isikhuzo, nesichazi. (2)

5.2 Igama u ''ndiske'', lishunqulelwe, libhale ngokuzeleyo. (1)

5.3 Isenzi u ''ndiphelelwe'' siloluphi uhlobo lwesenzi. Khetha kwezi zilandelayo:

A Elokungathiza
B Elokuqhubeka
C Elokuyalela (1)

5.4 Nika umsebenzi wegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kuFreyimu B. (1)

5.5 Isibizo esibhalwe ngqindilili asinalo iceba. Nika isizathu soko. (1)

5.6 Khetha isifanekisozwi esikuFreyimu A. (1)
[7]

UMBUZO 6

6.1 Bhala igatya eliyintloko nelayamileyo kwesi sivakalisi silandelayo:

Umzekelo: Abadlali bathetha kakuhle nabantu.

Impendulo: A: Abadlali bathetha nabantu: Igatya eliyintloko.
B: kakuhle: Igatya sihlomelo lobunjani.

Ababukeli bamkelwa ngobubele eholweni. (2)

6.2 Guqula lo mhlathi ulandelayo uwuse kulwimi olusulungekileyo lwesiXhosa.

Heyi Majita, ithayima livayile kusasa nje, siza kuba nexesha elibhaya lokudlala. (4)
[6]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80